Isalathiso: 20200521-6228
Inombolo yefayili: 4/2/3-2019/20
Imibuzo: MJ Comer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0004/2020

Iya: KuMlawuli oyiNtloko weCandelo loKwakhiwa kweZikolo
KuMlawuli weCandelo loKucwangcisela uKwakhiwa kweZikolo
KuMlawuli weCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
KuMlawuli weCandelo loLawulo loKwenziwa kweeNkonzo zeZiseko zoPhuhliso
KuMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
KuMlawuli weCandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
KuMlawuli weCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi
KwiSekela Mlawuli-Jikelele weCandelo lezoLawulo lwezeMali
KuMlawuli weCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso lweMali
KuMlawuli weCandelo loLawulo leMicimbi yezeMali
KuMlawuli weCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo
KuMlawuli oyiNtloko woLawulo loVavanyo neeMviwo
KuMlawuli weCandelo loLawulo lweeMviwo
KuMlawuli oyiNtloko weCandelo leZithili
KuMlawuli oyiNtloko woLawulo lweKharityhulam noPhuhliso looTitshala
KuMlawuli weCandelo leKharityhulam ye-*FET*
KuMlawuli we-*Cape Teaching and Leadership Institute*
KuMlawuli we-*e-Learning*
KuMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo leNgcaciso
KuMlawuli weCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso
KuMlawuli oyiNtloko weMfundo eBandakanya Bonke aBafundi neeProgram eziZodwa
KuMlawuli weCandelo leMfundo eneeMfuno eziZodwa
KuMlawuli weCandelo loNxibelelwano
KuMlawuli oyiNtloko weSistim eyi-*Infrastructure Delivery Management System: Strategic Technical Adviser*

Isihloko: Amagalelo *(Inputs*) okwenza iingxelo-mali zonyaka-mali ka-2019/20

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukukukhumbuza ngamagalelo acelwa kuwe okulungiselela ukwenziwa kweengxelo-mali liSebe leMfundo leNtshona Koloni zonyaka-mali ka-2019/20. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe neNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweMicimbi yezeMali (*Financial Accounting Minute)* 0003/2020 engeenkqubo zokuvalwa kwe Basic Accounting System (*BAS) ukwenzela u*nyaka-mali ka-2019/20.

2. Ngokwesiqendu (40)(1)(c) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho 1 ka-1999, (*Public Finance Management Act*) (*PFMA*), 1999, (*Act 1 of 1999*)), njengoko ufakelwe izilungiso nguMthetho 29 ka-1999, iGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (*Accounting Officer*) kufuneka lilungise iingxelo-mali zonyaka-mali ngamnye lize lizingenisele ukuba ziphicothwe, zingadlulanga iinyanga ezimbini zokuphela konyaka-mali, kuMphicothi-zincwadi Jikelele (*Auditor-General*) *(AG)* nakuNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury*), oya kulungisa iingxelo-mali ezidityanisiweyo (*consolidated financial statements*). Oku kuthetha ukuba iingxelo-mali zeSebe i*WCED* ezigqityiweyo zaza zasayinwa mazingeniswe ungadlulanga owe-31 Meyi 2020, Ngenxa yethuba lemiqathango yokuma ngxi kwezinto yeCovid-19, wandisiwe lo mhla ukuya kwi-31 Julayi 2020. Nakuba kunjalo, iseti epheleleyo yeengxelo-mali zethutyana mayingeniswe kuNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury (*PT)) ungadlulanga owe-17 Julayi 2020.

3. Ukuvalwa kukanyaka-mali weSebe iWCED, kwenziwe ngowe-15 Meyi 2020. Ukwenzela ukuba iCandelo leMicimbi yezeMali lizithobele iimfuno ezingummiselo ze*PFMA*, kubaluleke gqitha ukuba abantu abakolu luhlu luqhotyoshelwe apha, bangenise amagalelo abo kweli candelo **ungadlulanga owe-05 Juni 2020, ukuba akaxhomekekanga ekuvalweni konyaka-mali yaye ungadlulanga nowe-23 Juni 2020 ukuba axhomekeke ekuvalweni konyaka-mali**. Kucelwa niyiqaphele imfuno emiselweyo kaNondyebo yokuba onke amagalelo namaxwebhu axhasayo, makangeniswe eziikopi ezingamaphepha *(hard copies*) nangokuthunyelwa ngekhompyutha (*electronic format*). Kuseyimfuno engummiselo nokuba onke amagalelo**,** makangqinisiswe njengachanekileyo (*certified as correct*) aze asayinelwe ngumlawuli okanye yisuphavayiza echaphazelekayo. Onke amagalelo makahanjiswe kunye namaxwebhu axhasayo apho kufanelekileyo. Kukwacetyiswa nokuba iphepha elineesignitsha zabantu abenza lo msebenzi maliskenwe yaye lingeniswe ngekhompyutha kunye namanye amaxwebhu, likwifomathi engu-*Excel* okanye engu-*Word format*.

4. Ukwenza kube lula oku, iinguqulelo ezisekhompyutheni zeekopi ezizi-*extracts* zeethemplethi emazisetyenziselwe ukuqulunqa iingxelo-mali kwicandelo ngalinye, ziya kuthunyelwa nge-imeyili kubantu abakuluhlu oluqhotyoshelweyo apha.

5. Nayiphi na imibuzo emalunga noku inokubhekiswa kuMnu MJ Comer kule nombolo yefoni 021 467 2736 okanye kuMnu Z Mpisi kule nombolo yefoni 021 467 2511.

6. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu malunga noku.

ISAYINWE: NGU-*LJ ELY*
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2020-05-06